



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 11

NOVEMBA 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-
 - 80 kwiCANDELO A.
 - 40 kwiCANDELO B
 - 30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. **UBUDE BEEMPENDULO:**
ICANDELO A: Izincoko- Bhala isincoko esili-190–240 amagama.
ICANDELO B: Imihlathi emide- Bhala ama-80–100 amagama. [umxholo kuphela]
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane- Bhala ama-60–80 amagama. [umxholo kuphela]
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- 1.1 Eyona nto ndinokuyitshintsha ngam. [50]
- 1.2 Amava endinawo andifundise lukhulu. [50]
- 1.3 Xa umongameli woMzantsi Afrika ingangumntu obhinqileyo. [50]
- 1.4 Abazali bafanele ukuba ngabona bahlobo babantwana babo. [50]
- 1.5 Umzuzu owatshintsha ubomi bam. [50]
- 1.6 Isigqibo ekwakunzima ukusithatha. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthathwe kwi-intanethi] [50]

1.7.2



[Uthathwe kwi-intanethi] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA ESESIKWENI YOMBULELO

Bhalela usomashishini wengingqi yakho umbulele ngenkxaso-mali ebeyinikeze isikolo sakho. [30]

2.2 I-OBHITSHUWARI

Bhala iobhitshuwari yesihlobo sakho. [30]

2.3 UDLIWANO-NDLEBE

Bhala udliwano-ndlebe oluphakathi kwakho nomongameli woMzantsi Afrika. [30]

2.4 INTETHO

Bhala intetho oza kuyenza kwitheko lokuzalwa likamakhulu wakho. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli CANDELO. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo.

3.1 IFLAYA

Bhala iflaya ubhengeze imveliso entsha oyenzileyo. **[20]**

3.2 UNGENISO LWEDAYARI

Bhala ungeniso lwedayari yeentsuku ezintlanu zamalungiselelo akho okuya kudliwano-ndlebe lomsebenzi. **[20]**

3.3 UMYALELO

Bhala umyalelo oza kulandelwa ngomhla wekhonsathi yomculo esikolweni sakho. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

